

# Vuk'uzenzele

JOBS  
INSIDE:

Produced by Government Communications (GCIS)

English/isiXhosa

| EkaTshazimpunzi 2019 uShicilelo 2

## Steps to curb women abuse



■ President Cyril Ramaphosa officially opened the Booyens Magistrate's Court and signed the GBVF Declaration. This has been hailed as a step in the right direction in ending women and child abuse in South Africa.

President Cyril Ramaphosa has reiterated that women abuse has no place in South Africa.

"It should also have no place in our homes, at places of work, churches, schools and on the streets of our townships, on the

pathways of our villages and also in our cities and towns," President Ramaphosa said.

He was speaking at the official opening of Booyens Magistrate's Court and the signing of the Gender-Based Violence and Femicide (GBVF) Decla-

laration in Johannesburg recently.

The state-of-the-art Booyens Magistrate's Court comprises 10 courts, including four district courts, Civil Court, Family Court, Children's Court, Small Claims Court, as well as two regional courts for criminal

and sexual offences.

The declaration, on the other hand, is borne out of the National GBV and Femicide Summit, held in November 2018, in an effort to find solutions to GBV and femicide.

● Cont. page 2



**Building a better SA with social partners**

**Page 4**



**Young mother leads autism awareness drive**

**Page 5**



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews

Vuk'uzenzele

Websites: [www.gcis.gov.za](http://www.gcis.gov.za)

[www.vukuzenzele.gov.za](http://www.vukuzenzele.gov.za)

Email: [vukuzenzele@gcis.gov.za](mailto:vukuzenzele@gcis.gov.za)

Tel: 012 473 0353

FREE COPY

**Did you know? THE 2019 ELECTIONS WILL BE HELD ON 8 MAY 2019**

# Ukwazi ngesifo se-autism

**E**bazalini, le ngxakangxa-ka idala ukubhideka, udano neentloni. Abazali abaninzi abayiqondi le ngxakangxaka okanye ukuba bangaceda njani ukuze umntwana aphile ubomi obuqhelekileyo nangcono.

## Yintoni isifo sengqondo esenza ukuba umntwana afune ukuhlala yedwa angadibani nezinto ezikhoyo (i-autism)?

Esi sifo se-autism yingxaka-ngxaka yesifo semithambo-luvo eyenzeka ukususela ekuzalweni komntwana, kwaye iimpawu zaso zibonakala kwiminyaka yokuqala embalwa yobomi bomntwana.

UJulia Mathabathe ongugqirha wesimo sengqondo kwiSibhedlele iSteve Biko Academic, uchaza athi abantwana abanesi sifo se-autism, izinto bazibona ngendlela engafaniyo kakhulu neyabanye.

"Kunzima kubo okokuba banxi-belelane baze basebenzisane



nabanye. Bakwanazo neempawu ezahlukileyo zeziva-luvo; bangakwazi ukujoja, ukubona okanye beve izinto ngendlela eyahlukileyo kweybanye abantu. Bangaziphatha ngokuhlaselayo, babe nomsindo okwexeshana okanye baze-nzakalise," utsho uMathabathe.

Abazali bayifumanisa ingumngeni omkhulu kakhulu into yokujongana nale ndlela yokuzi-

phatha, ngokukodwa xa isenzeka esidlangalalen.

## Abazali bangabanceda njani abantwana abanesi sifo se-autism?

UMathabathe uthi eyona nto ekumele kugxilwe kakhulu kuyo ekunyangeni esi sifo kukuba abazali benziwe bayiqonde indlela abantwana babo ababuva ngayo ubomi.

"Ngenene ngenene abazali kufuneka bazame ukuzibeka kule meko bakuyo abantwana babo. Kufuneka bafumane ezona ndlela zibhetele zokunxibelelana nabantwana babongokuthetha okanye nangezinye iindlela kwaye ba-ziqonde iimpawu ezibonakalisa ngumntwana. Umzekelo, okokuba umntwana ebekhe wanomsindo okwexeshana, kufuneka uyibone into eyenze loo msindo, ujike wenze izinto ngendlela eza kuhambelana ngokukodwa neemfuno zomntwana."

UMathabathe uthi kubalulekile okokuba abazali bafune uncedo ngoko nangoko xa bathe baqaphela undonakele ebantwaneni babo.

"Xa umntwana efunyaniswe enesi sifo se-autism kwangoko, akhona amathemba okuba le meko ingalungiseka. Iip-senti ezintathu zabantwana abafunyaniswe benesi sifo phakathi kweminyaka emibini nemine bezelwe banya-ngeka ngokupheleleyo. Uthi

umntwana efika kwiminya-ka yobudala esixhe-nxe ukuya kweli-11, kube kuhho umahluko omkhulu kwaye umntwana anganako ukuphi-la ubomi obuqhelekileyo na-ngcono."

## Abazali bangabasa phi abantwana babo ukuze banyangwe?

UMathabathe uthi ikakhulu esi sifo se-autism asinakunyangeka ngokupheleleyo, kodwa singa-lawuleka kakuhle. Wongeza athi ootitshala banendima ebalulekileyo abangayidlala ekuboneni iingxaki zabantwana esikolweni, bacebise okokuba basiwe kwigci-sa lezengqondo. □

**Ngolwazi oluthe vetshe neengcebiso ngesifo se-autism, abazali banganxi-belelane ne-Autism South Africa ku: 011 484 9909. info@autismsouthafrica.org.za**

# Umama osemtsha ukhokela iphulo lokuqondisa abantu ngesi sifo se-Autism

## Galoome Shopane

**U**Letlhodilwe Moroe, waseBloemfontein eFreyistata, uqondisa abahlali bendawo ahlala kuyo ngesi sifo se-autism.

Njengomama onenkwenkwa-na eminyaka ili-11 ubudala enesi sifo se-autism, wayithabathela kuye into yokuvula umbutho ongenzi nzozo obizwa iTokologo Place of Hope, eqondisayo yazise, inike ulwazi ixhase nabazali abanabantwana abagula sesi sifo sengqondo senza ukuba umntwana afune ukuhlala yedwa angadibani nezinto ezikhoyo.

UMoroe ukholelwae kubeni esi sifo se-autism asaziwa kakhulu ngabazali babantwana abanaso, ngokukodwa abo bahlala ezi-lokishini nasemaphandleni.

Esi sifo se-autism yingxakangxaka ekhulayo ezi-bonakalisa ngokuba nzima kokunxibelelana, ukwenza unxulumano nabanye abantu nokusebenzisa ulwimi.



■ ULetlhodilwe Moroe nonyana wakhe uSihle onesifo se-autism.

Ngombutho wakhe, uMoroe unceda amakhaya aphethwe ngabantwana neentsapho zabantwana abanesi sifo se-autism okokuba bafumane izibonelelo zokukhubazeka, amayeza nonyango.

"Esi sifo se-autism ngumngeni kwaye singumthwalo onzima emzalini. Umzali akuba eya-

mkele into yokuba unesi sifo senza ukuba umntwana afune ukuhlala yedwa angadibani nezinto ezikhoyo, loo nto imenzela lula umntwana."

UMoroe uthi ubomi bakhe ngokubazi kwakhe bema ngxi akufumanisa okokuba unyana wakhe unesi sifo se-autism.

"Yonke into yatshintsha,

andakwazi ukusebenza, izikolo nokunyangwa konyana wam kwakubiza kakhulu."

Kuba efunela unyana wakhe amathuba angcono, uMoroe wafudukela eGauteng ukuze afumane izikolo ezizodwa zesi sifo sengqondo se-autism, nje-noko iFreyistata yayingenazo.

"EFreyistata zikho izikolo

zabantwana abakhubazekileyo, kodwa zithatha kuphela abantwana abangagqithanga kwisibhoso eklasini, kwaye lude uluhlu lwabalindle uku-thathwa."

Ejongene nemingeni enjalo, uMoroe uthi ukuba nomntwana onesi se-autism kuge yintsi-kelelo.

"Imeko yonyana wam indinike amandla amaninzi yaza yandifundisa nokuba nomonde. Unesiphiwo ngolona hlobo kwaye uyabuthanda ubuxhakaxhaka bezixhobo ezi-nvinci. Mhle kakhulu kwicala lobuchwephetshe."

Zizinto nje ezincinci ezibonakalisa iimpumelelo athi uMoroe azivuyele ekukhuleni konyana wakhe.

"Unyana wam usendaweni engcono nemvuyisayo ngoku, ufunda ukuthetha, ufundisiwe ukusebenzisa itshemba kwaye ndiyakwazi umcheba ngoku ehleli."

UMoroe unephupha lokuvula iziko labantwana abanesifo se-autism eFreyistata ngenye imini. □